


Kutheni inyanga imana inciph iphinde ibenkulu

Kudaladala, uMama uNyanga wayekhanyisa isibhakabhaka rhoqo ebusuku. Wayenengubo ethungiweyo, eyayenziwe ngewulu nerhali entle yegolide. Ingubo yakhe yayibengezela kakhulu, kangangokuba kwakukho ukukhanya okwaneleyo ukuze bonke abantu bakwazi ukubona ebumnyameni.

Maxa wambi, uMama uNyanga wayezisonga azipinise ngengubo yakhe, ehle aze kutyelela emhlabeni. Ngobunye ubusuku, phakathi kanye ebusika, kufuphi nonxweme lomlambo, wadibana nexhegwazana elalihlala lodwa ...



www.nalibali.org



www.nalibali.mobi



[nalibaliSA](#)



@nalibaliSA